



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 80**

---

Le memorandam inamaphepha ali-14.

---

## IMIYALELO YOKUMAKISHA

1. Naninina apho umviwa aphendule ngaphezulu kwenani elifuniwego lemibuzo, makisha kuphela impendulo yokuqala. (Umviwa akavumelekanga ukuphendula umbuzo osisincoko kunye nombuzo omfutshane kwijenra enye).
2. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiwego) makisha kuphela emibini yokuqala.
3. Ukuba umviwa uphendule imibuzo emifutshane emibini okanye imibuzo esisincoko emibini makisha owokuqala ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo, makisha kuphela owokuqala kwicandelo ngalinye ngaphandle kokuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko uphendulwe.
4. Ukuba umviwa unika iimpendulo ezimbini apho eyokuqala ingachanekanga, ize eyesibini ichaneke, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Ukuba iimpendulo azinombolwanga ngokuchanekileyo, makisha ngokweenombolo zememo.
6. Ukuba impazamo yopelo ichaphazela intsingiselo, ayamkeleki loo mpendulo, ukanti ukuba ayiyiphazamisi, yamkele impendulo leyo.
7. *Imibuzo esisincoko*

Ukuba isincoko sifutshane kunomyinge obekiwego ngokwamanani, sukunyiba manqaku, kuba umviwa sele ezohlwayile, Ukuba isincoko side kunomyinge wenani lamagama elibekiwego, dibanisa iingqondo kumntu lowo ungummakishi owongamileyo. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

Ukuba umviwa akasebenzisanga zimpawu zocaphulo xa ecelwe ukuba acaphule sukuohlwaya.

9. Ngokubhekiselele kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
10. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

Kweli candelo kulindeleke ukuba umfundi aphendule imibuzo emithathu iyonke ngolu hlobo:

- Emibini ithathwa kwimibuzo 1–4- akhethe nawuphi.
- OMNYE ONYANZELEKILEYO ngumbuzo 5.

**ICANDELO A: ISIHOBE****ISINGQI SENKULUNGWANE: PM QANGULE, MG MDLIVA**

Ubude bempendulo yombuzo osisincoko somhobe buphakathi kwe-140–190 amagama.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO****UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****UGODUKILE UNJINGALWAZI ZITHOBILE SUNSHINE QANGULE – PM QANGULE.**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Asi-7 ngawomxholo aze ama-3 abe ngawolwimi.**

**Sebenzisa irubriki esisihlomelo A.**

Umfundi anganyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

[Mazamkelwe iimpendulo ezichanekileyo, esi singezantsi sisikhokelo nje]

Umbhali ube nobuchule bokukhetha isigama esithile esiphumeleleyo ukuphumeza kumagolonxa engqikelelo imifanekiso yezinto esiziva ngeentunja okanye iinyoba zovakalelo ezenza sibe ngathi siyayibona ngeliso okanye siyiva ngendalebe okanye singe siva buhlungu enyameni singabafundi bombongo. Ngezantsi apha yimizekelo yeso sigama;

- **Sisingqala sani na?:** Eli binzana lingumbuzo wokukhalima Eli gama “isingqala” libonisa ubunzulu besikhalo emva kwethuba elide.
- **zezani na ezi ngxangxasi?:** Lo ngumbabazo/lubaxo olunjongo ikukwenza ukuba ofunda lo mbongo abe nomfanekiso weenyembezi ezininzi ezingapheliyo ezizihleloyo nje kulowo/ kwabo balilayo.
- **yeyani na le mijelo?:** Nolu ikwalubaxo olunenjongo yokuba ubani abone iifolo ezivilwe ziinyembezi nanjengoko isenza njalo imijelo. Nayo ibonisa kwaobu buninzi bezi nyembezi zihamba indlela ende ngenxa yobuninzi babalili abenza igalelo kwezi nyembezi nokufuna ukuthi lwo ulila kakhulu ngokwahlukileyo komnye.
- Imijelo **eshiya zikhedamil' iingcinga**,: lingcinga zifaniswa nomntu zenziwa zikhedame ukudlulisa ukuba baneengcinga ezikhathazekileyo/ezibuhlungu/bacinga izinto ezibuhlungu ngesehlo esehlileyo.
- **Nank' uSomgxad' entywil' enkungwini:** Ukunywila kukutshona ngaphantsi kwento ethile ungabonakali- kuhheleke amanzi. NoSomgxada ke ufaniswa nomntu owehlelw yimeko embi engasabonakali ke ngoko ngenxa yokuba egutungelwe yile nkungu.-Loo nto yenze kube nzima ukubona kakuhle. Okunye inkungu yaziwa ngokufihla izinto bambi bade balahleke ngeengcinga ngenxa yokungaboni befuna ukubona ufunu ukuzikhupha kwingsxaki abakuyo.

- **Ingqukruleka nje:** Ukungqukruleka kubonisa uvakalelo lokukhathazeka kwendoda ikhalela ngaphakathi yona ingavumelekanga ngokwesithethe sikaNtu ukuba ikhale ivakale. Ithi ke nok'iyiva intlungu ililele ngaphakathi-igixe ngaphakathi iman'ukwenza esi sandi kuthiwa kukungqukruleka.
- **Bazibambe ngeenkophe kuqaqaqa:** nalapha kubonakala ukuba nangona bebonakala ngokungathi abakhali kuba kungavakali sandi, ngaphakathi bayalila ngoko ke bazibambilie ukuba zingaveli ebantwini.
- **Seyiman' ikhanyw' iinyembez' ikholeji:** sinikwa umfanekiso ntelekelelo wokuba le kholeji ikhathazekile koko iyathuthuzelwa kukuba intaba kaNdoda iyintaba ejongene nayo ethenjiwego kumsebenzi wokuthuthuzela.
- **Liqongqolozil' igongqongqo:** Lo mfanekiso wenza uvakalelo lokukhathazeka into ethile ithathwe yonke ngongazange wanela owohlala ekhamisele enye into elandelayo. Ikhulisa ingcinka yokuba inamandla le nto kwaye ayoyiswa mntu.
- **UMkhonto akathumeki akathuthuzeleki:** sinikwa umfanekiso womntu ovakalelwa kabuhlunga kangangokuba izinto abeqhele ukuthunywa ukuba azenze angangazenzi lula kuba equmbile, edimele kukukhathazeka.
- **Utsh' esimantshiyane isijwili:** Ngumfanekiso womntu okhala kakhulu owenza isikhalo esiphezulu kuve nophiphipi ngenxa yovakalelo lokufuna ukupholisa inxeba ngaphakathi.
- **Kulichibi ngugwantyi-gwantyi:** ichibi yindawo eqokelele amanzi abezidlulela ndawonye. Nalo mfanekiso siwakhelwayo ngoweenyembezi ezininzi ezime ndawonye eziqokelelene ndawonye kuba elowo eneenyembezi ezithe gwantya emehlwani.
- **Wekholeji ubindiwe umi nemamalatile:** ukubindeka kukuxakeka ukufunyanwa ungasawkazi kuthetha ngenxa yokubethwa kwindawo ekuvala umoya.
- **Uyafixiza fixi:** oku kukukhala ungaphimiseli koko kube kuvaleke iimpumlo ngenxa yethuba olithathe ukhala okanye ukulindeleka ukuba uthule xa ngokovakalelo lwakho ungenako ukuba ungathula.

[10]

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### INTYATYAMBO – M.G. Mdliva

- 2.1 Yintombazana ✓ (1)
- 2.2 Iziyobisi ziyatshila ✓ – sisimntwiso/ ufaniso mntu ✓  
Njengepikoko ✓- isifaniso. ✓ (2)
- 2.3 Womntu ongenabuntu ekungasekho nempunde yabo kuye. ✓✓ (2)
- 2.4 Yisonethi ✓ kuba inemiqolo eli-14. ✓✓ (3)
- 2.5 Wokuba iintombi zeli lizwe zisengxakini ngenxa yezinto ezienza ngathi zibubumnandi kanti zizimisele ukuyitshabalalisa. ✓✓  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

[10]

**UMBUZO 3: (UMBUZO OMFUTSHANE)****OOKHOKO BETHU: P.M. QANGULE**

- 3.1 Ngabantu abadala abanamava. ✓ (1)  
 3.2 Ngamanzi azolileyo✓ sisikweko. ✓ (2)  
 3.3 Wendawo ekhusale amasiko ukuze angatshabalali. ✓✓ (2)  
 3.4 Ngumbongo ochazayo ✓ kuba uyachaza uchaza ookhoko nexabiso labo. ✓✓ (3)  
 3.5 Mabathathelwe ingqalelo ookhoko njengabantu ababalulekileyo kwintlalo yethu. ✓✓  
**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]** (2)  
**[10]**

**OKANYE****UMBUZO 4: (UMBUZO OMFUTSHANE)****UGODUKILE UNTSIKANA:- MG MDLIVA**

- 4.1 Kwickabi yenkomu kaNtsikana ✓ (1)  
 4.2 Iqegu ✓ sisikweko. ✓ (2)  
 4.3 Ngowengqondo engasenazo izinto ezimdaka. ✓✓ (2)  
 4.4 Yi-eleji ✓ kuba yazisa ngokufa komntu - UNtsikana ke ngokwalo mbongo ✓✓ (3)  
 4.5 Wokuba uNtsikana ngumntu obalulekileyo oweza notshintsho kwinkolo kaNtu. ✓✓  
**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)  
**[10]**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA: KUNYANZELEKILE UPHENDULWE.****UMBUZO 5: (UMBUZO OMFUTSHANE)****UBOMI NGUMZAMO: LS NGCANGATHA**

- 5.1 Kubantu abasengxakini ✓ (1)  
 5.2 IyeyamaNgesi ✓ kuba imvano siphelo yayo ngu- abab cdcd efef gg. ✓✓ (3)  
 5.3 Sesokuba baya kutyhafa, boyiswe nakukucinga.✓✓ (2)  
 5.4 okwedangatye✓ sisifaniso. ✓ (2)  
 5.5 Yokukhuthaza abantu abasengxakini ukuba bangatyhafi banganikezeli. ✓✓ (2)  
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A:** 30

## ICANDELO B: INOVELI noNCWADI LWEMVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphendule umbuzo OMNYE kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala KUPHELA.
- Kumbuzo omde, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

### UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)

#### NGENXA YESITHEMBISO – M NKOHLA

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340 (1½–2 amaphepha).

**Ngezantsi kukho isikhokelo sokuphendula esi sincoko.**

**Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokusinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.**

**Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabeviwa**

**Jonga kwirubriki ekwiphepha le-19 ukuhlola lo mbuzo.**

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo;**

- Ukuzigqatsela kwakhe uDumile Jojo ekuphandeni amabanjwa anobungozi aqhawule eluvalelwani Iwamapolisa eyedwa.
- Uncama uMavis isithandwa sakhe, azinikezele kulo msebenzi wokuphanda.
- Ukuphanda kwakhe oogxa bakhe akumenzi ukuba azisizele okanye abasizele koko ufunza enzulwini enze umsebenzi ngendlela efanelekileyo.
- Uqinisekisa uphando olululo sele engquzulana nooDada sele efumene ubungqina bokuba bayabandakanyeka kule migewu iphandwayo.
- Uyazithengisa ezama ukukhusela uNomvuyo engenaso nesibham wayohluthwa imoto sisaphuli mthetho kanti sesinye sezi zihange ziqhweshe eluvalelwani Iwamapolisa saze sadubuleka safra kuloo mbhodamo ingezonjongo zakumbulala
- Akanadyudu ekulandenii umkhondo wooDada eHeshele sele ebazi ukuba baxhobile azilahlele wonke ekulweni ulwaphulo mthetho.
- Nokuba sele enzakele eGoli akabuyanga mva ufunzele phambili ngakumbi.
- Ube nesibindi sele exelelwani ngobungozi bomyeni kaSasa suka yalichele kuye yonke le nto wambamba wavalelwani akambulala nokumbulala ngokwesithembiso sakhe kuSasa.
- Incoko eyayiphakathi komhleli noTshezi DJ yokuzenza igqwetha yiyo eyamnika umkhomba ndlela ukuze abe uya kwaDada.
- Ukukhonjwa kukaDJ ngompu wakhe nguNontsasa.
- Iyelenqe lokuthengiselwa kukaDJ iziyobisi ngumyeni kaNontsasa esenzela indlela yokumbamba.
- Ukugubhulula indlu kaNontsasa ngenjongo yokufumana ulwazi oluthe vetshe, elinokumkhokelela ekubanjweni kwezinye izihange.
- Kwindlu yemigewu abizelwe kuyo ukuba eve ilizwi likaMavis osengxakini uya ngokukhululekileyo ezazi ukuba angangena nakuwuphi na umhlobo wengxaki koko ulungisa indlela yakhe ngokumisa imoto elungise amapolisa atsho abe uyifake emgibeni imigewu.
- Uzincama ngakumbi xa efumanisa ukuba uMavis wakhe kufuneka emsindisile kule ngozi de abe umfumene uMavis wakhe bonwaba kwakhona.
- Inzame zokukhulula uMavis owayegcinwe ngokungekho mthethweni.
- Isigwebo esiqatha esithe sanikwa izaphuli-mthetho.

[25]

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NGENXA YESITHEMBISO: M NKOHLA****ISICATSHULWA A**

- 7.1 Yimfuneko yokuphanda ngamabanjwa anobungozi aqhawule ejele. ✓✓ (2)
- 7.2 Le ntetha inendawo ethetha ukuba kukho apho bekukhe kwathethwa khona ngale nyewe ngabanye ✓✓ / lo uthethayo uthetha ngokungathi akathetheli yena yedwa. ✓✓ (2)
- 7.3 UDJ uzibona engenakuzimanya neqela lamapolisa. ✓ UDJ uzibona engahambisani nendlela la mapolisa asebenza ngayo. ✓ (2)
- 7.4 Yayingamele kuthethwa kwabanye abantu ✓ / Yinto efihlwayo ✓ (1)
- 7.5 Esokuba impilo yakhe yayifuna athi xha okomzuzwana emsebenzini ngokwengcebiso kagqirha. ✓✓ (2)
- 7.6 Kwingabula zigcawu ✓ Kuba sazisa oyena nobangela wempixano ekhoyo kule noveli. ✓✓/ sazisa eyona nto bahluka ngayo abalinganiswa abadlala indima ephambili abakule noveli. ✓✓ (3)

[12]

**ISICATSHULWA B**

- 7.7 Kukuba uDumile ufunwa nguNontsasa ngenjongo yokumbulala ngenxa yokuba eza kuphanda ngala mabanjwa abandakanyeka ngokusebenzisana kwakhe nawo. ✓✓ (2)
- 7.8 Kukubulala umyeni kaNontsasa ngokwesivumelwano sabo. ✓✓ (2)
- 7.9 Sesokufumanisa ukuba uNontsasa umazi umhluzi uDJ ngoku yena asazenza ngathi unguTshepiso nje ✓✓/ Sesokubhaqwa nguNontsasa ebhokoxe ethaphula izinto ebhegini yakhe ✓✓ (2)
- 7.10 Ixesha ezimbalini lelangoku kuba kusetyenziswa iibhombu, kuhlaliwa ezhotele. ✓  
Indlela ekuhleliswene ngayo yindlela yamayelenqe elowo wenzela omnye.✓  
Ixesha esiqhubeka ngalo isiganeko sebali emva kweentsuku ezintathu.  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)
- 7.11 Luzobo mayana ✓ kuba siboniswa izenzo zakhe size sizicingele ngazo ukuba uluhlobo luni na lomntu. ✓✓ (3)
- 7.12 Sisekubeni lo Nontsasa wayeteketisa ibhombu awayeza kubulala ngayo uDJ elo bhaso lafumana kwayena lambulala ✓✓ / Sesokuba ibhaso lokubulala awayecinga ukuba lelokuhlawula uDJ kuba ebulele umyeni wakhe kwathi kanti naloo myeni wakhe akafanga koko ubanjiwe. ✓✓ (2)
- 7.13 Lolokuba nothuku. ✓✓ (2)

[13]

**AMANQAKU ECANDELO B:** 25

**UNCWADI LWEMVELI****UMTHOMBO WOBOM – N.Mdekazi noT. Kabanyane****UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-290–340 (1½–2 amaphepha).

**Ngezantsi kukho isikhokelo sokuphendula esi sincoko.**

**Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika isihloko ngendlela eyahlukileyo.**

**Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabeviwa**

**Jonga kwirubriki ekwiphepha lama ... ukuhlola lo mbuzo.**

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Zombini zibazoba abalinganiswa bazo ngenjongo yokufundisa ngabo kule ntsomi kaDyakalashe noNgonyama sifundiswa ngobulumko bukaDyakalashe- amaqhinga nobutyhakala bukaNgonyama kuba uNgonyama uyamkholelwa uDyakalashe nangona esisilwanyama esihlonitshwe zizo zonke izilwanyana zehlabathi.

Zizoba ngokuxela izenzo zabalinganiswa nanjengoko sixelelwa ukuba uMandela wayencanywe ngamaqhwa asesiqithini oko kukuthi abetha edlula ehleli esiqithini kwaye oko kudiza ukomelelela esikuxelwelwe ngezenzo zakhe.

Xa emzoba lo kaMadiba umzoba njengomtu oyenze into engenamsebenzi/ elula kuye into yokuhlala esiqithini

Ibuya imbongi isebeznise izikweko ithi uMandela likhambi ukubonakalisa into yokuba usebeznile walwa wanceda wanyanga amanxeba ababenawo abantu abamnyama ngokubathathela intlungu kwelo lasesiqithini

Esinye isikweko esisetyenzisiweyo sesi sithi Thole leduna- oku kubonakalisa ukuba mtsha usesemandleni. Kaloku iduna lithenjiwe ngamandla

Umzoba ngokumenzela amazwi athathwa ngokuba yayingawakhe ukubonakalisa ukuzincama kwakhe kunokuba athengise ngomntu omnyama wayexolele ukufa.

Kwizibongo ezincomayo kuxhaphake ukusetyenziswa kwesikweko ukuzoba abalinganiswa

**UMBUZO 9 UMBUZO OMFUTSHANE****ISICATSHULWA A: INTSOMI****UDYAKALASHE NENGONYAMA**

- 9.1 Sesokuba uNgonyama akanamntu wokugcina abantwana xa eye kuzingela. ✓✓ (2)
- 9.2 Sisimntwiso. ✓ (1)
- 9.3 uDyakalashe waziwa ngamaqhingga ✓  
uNgonyama waziwa ngobunganga kwezinye izilo ✓ (2)
- 9.4 Kunamhlanje nje amaXhosa ayamazi ukuba umntu onamaqhingga  
nguDyakalashe✓✓/ Sele isisikweko esivunyiweyo ukuthi konamaqhingga uthi  
nguDyakalashe. ✓✓ (2)
- 9.5 Sisekubeni lo Dyakalashe uvuma ukugcina abantwana kusisicwangciso kuye  
ukuba uza kubagcina esiswini.✓✓/ sisekubeni ingonyama imkelwe yiengqondo  
kangangokuba kuthi lwale ngento yokuba udyakalashe angathi kanti  
uyamqhatha enobunganga enjalo ✓✓  
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
- 9.6 UDyakalashe wazenza ingcuka eyambethe ufele Iwegusha. ✓ (1)
- 9.7 Ukuthiwa ntlo kwiingcinga zotshaba ✓ (1)
- 9.8 Lithetha ukuthi wabatya engalibazisanga.✓✓/ zange alibazise ukubatya. ✓✓ (2)
- 9.9 Ewe. Kuba ngaphandle kwazo isizwe sikaNtu singatshabalala kuba kulapho  
kuthi konwatyiwe kufundiswane ngezimo ezilungileyo nezingalunganga kukho  
ulawulo kwindlela elihamba ngayo ibali hayi ezi zoomabonakude. ✓✓

Okanye

Hayi kuba ithuba nje lazo lilodwa alikho kuba anqabile amathuba okuba ikhaya  
lihlale kunye ndawonye, ixesha lithathwa yimisebenzi yesikolo sasekhaya  
kwaye abantu abaphulaphula iiintsomi abasekho kuba azinanyani. ✓✓ (2)

- 9.10 Madiba Omde ✓ (1)
- 9.11 Nomthi ongumnquma ✓/neyeza ✓ nesilwanyana ithole lenkomo eliliduna/ nesilo  
esingaxelwanga ✓  
[Nasiphi isibini] (2)
- 9.12 Lephindaphindo Iwegama “esiqithini” ekupheleni kwemiqolo yesi-2 nowesi-3 ✓  
nophinda phindo lwasandi u-wa- ekuqaleni kwale miqolo mibini ✓ (2)
- 9.13 Enkosi ngokuzalwa kwakho ndoda enamandla eyenza imimangaliso. ✓✓ (2)
- 9.14 Ngenjongo yokuncoma uN.R. Mandela. ✓ Kuba imtyibela ngenxa yezenzo  
zobuqhawe awazenzayo, ukomelela kwakhe, ukuhlala kwakhe esifungweni  
kukubi de azincamele ekufeni kunokuba athengise ngalo. ✓✓ (3)

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

### NATHI SINGABANTU- C.S. HOBONGWANA

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphendule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- Kumbuzo omde, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

### UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- UNohenjisi zisuka nje ukuchasile ukuphatheka gadalala kwabantu abangenanto ngabantu abafundileyo.
- Ukvuleka kwakhe entloko kungqinwa nanguMkhuseli.
- Umele umyeni wakhe ngelithi imfundo yabo yeyani xa besoyiswa kukuza nesisombululo sokwabelana ngomhlaba.
- Ummele umyeni wakhe onguSopolitiki ngelithi baxakwa kukubhala imithetho emitsha.
- Uvula umlomo malunga norhwaphilizo alubonayo apha imali kaRhulumemte ingasetyenziselwa ukwakha izikolo, iikliniki, izibhedlele ngakumbi ukusebenzisa ulwimi lwakhe umntu.
- Uyayimela eyokusebenzisa ulwimi lwakhe kude kuye esiphelweni apha ade wavunyelwa yinkundla wade wabhalwa umthetho wokusebenzisa ulwimi ngokukhululekileyo.
- Ukumele ngomzimba ongenaxhala ukusetyenziswa kwamasiko nezithethe zakwaNtu nokuba abantu bayakhumsha.
- Uyawamela amalungelo abafazi nokuxhatshazwa kwabantu abangamaqabakazi ngabantu abathi bafundile ngempumelelo apha kusetyenziswe inkosikazi yomyeni wakhe angakhange ayiphe thuba oko batshata.
  - UNohenjisi uyavuma ukuba umntwana athathwe nguNokwakha esazi ukuba yena ufuno afunde isiNgesi.
  - Xa esayina amaphepha okunikezela umntwana kuNokwakha ubeka uX emaphepheni ezazi ukuba uyakwazi ukusayina.
  - Ivela enkundleni into yokuba kanti uyakwazi ukubhala igama nefani yakhe.
  - U-X akanasihlahla kuba yena uyakwazi ukubhala, uma emkhumbini acele onke amaqaba amxhase
- Uyaphumelela ukwenza ukuba umntwana wakhe odlwengulweyo ancedeke ngokuthi angayiqhusheki phantsi kwetafile into yokuba intombi yakhe idlwengulwe nanjengoko omnye umntu ebeya kwenza kumntwana ongakwazi nokuzithethela.
- Uyaphumelela ukusindisa uNkosunaye xa edliswa ngokuthi angavumi anyanzelwe ngokutya suka kunikwe inju kuvele ngokufa kwenja ukuba ukutya bekufakwe idliso wabe uyaphumelela ukusindisa umntwana wakhe. Konke oku ukubonakalisa ngokuba ngumama onomqaphela kumntwana wakhe ngokuthi ayazi into umntwana aqalayo ukuyibona emntwaneni wakhe.
- Isithethe sikaNtu uyasisebenzisa simncede uNohenjisi kuba xa kufika umbiko wokufa komntwana wakhe akavumi ukulungiselela umngcwabo engabonwanga umntwana ngeli xesha umyeni wakhe agcadiyayo efuna kulungiselelwae ukumngcwaba engambonanga enjalo. Ukhalima alungelwe nalapha uNohenjisi.

- Amagama abantwana bakhe ngamagama okhuselo uBaphantsi, uNkosunaye anjongo ikukuqinisekisa ukhuselo oluluqilima ngaphaya kwawakhe amandla-iminyanya kune noThixo.
- UNokwakha akasavumi nomntwana, uNohenjisi uyammangalela.
- UNokwakha uneqgwetha, uNohenjisi enkundleni ushiyeka emi yedwa kuhleliwe.
- UNohenjisi ubetha ngenqindi phantsi ngelithi ityala lakhe malithethwe ngesiXhosa kwaye akafuni nokutolikelwa elizweni lakhe
- Noxa ehlekwa uyazingisa ade aphumelele. Kuthe kanti kukuqala, ezimbalini ukuthethwa kwesiXhosa kwinkundla yejaji yalandela imithetho evulela oku.
- UNohenjisi uvakalisa elubala ukuba lilungelo lakhe ukusebenzisa ulwimi lwakhe naphi na ngokomgaqo siseko.
- Liyathethwa ityala aphumelele uNohenjisi ohlule isifundiswa esinguNokwakha.
- Ulwela ukuba umntwana wakhe nabanye bangaze bayekwe bangawenzi amasiko abo avulelw.
- Uyemisa enkundleni abantu bengqina ukuba bafuna konke okuphucukileyo ezilalini athi noko engakhange azibandakanye kupolitiko afumane iivoti ngokumela amalungelo abantu basezilalini ukuba bafumane iikliniki izikolo izibhedlele njalo-njalo.
- Isigulo sakhe sesifundiswa ezizidenge sinyangekile kuba umthetho uzingqinile zonke izinto abezikhalaZela, kwaze kwenziwa utshintsho.

[25]

## **UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

### **NATHI SINGABANTU – C.S. HOBONGWANA**

#### **ISICATSHULWA A**

- 11.1 KwaSikhulu √/ Kusemzini wabo eKapa. √ (1)
- 11.2 Zonke ezi zinto uzenza kuba ekholelwa ukuba abantu abahlelelekileyo bezisa amashwa abe ke yena efuna ukuba avotelwe kwisikhundla esiphezulu sepolitiki. √ Umenzele iyelenqe lokuba agalelelw ityhefu emayezeni akhe, akube ethume umgcini womntwana kude namayeza √/ Uyamdlwengula umntwana wakhe, unqanda uSonke ukuba angaliphandi ityala lokudlwengulwa kukaNkosunaye intombi yakhe. √ Umenzela iyelenqe lokuba abulawe nguMzingisi. √  
[Nasiphi isithathu kwezi] (3)
- 11.3 Okwazi ukumela ingxaki yakhe √√/ okwazi ukuzikisa ukucinga nokuba iimeko azivumi. √√ (2)
- 11.4 Waphela ebuyiselwa kunina wangumntwana kaNohenjisi. √√ (2)
- 11.5 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√ izinto abazenzayo nendlela abazenza ngayo zixelwa kumagama abukekela akwizibiyeli. √ ingxoxo yabalinganiswa√ (2)
- 11.6 Njengomelo lwabantu abafundileyo abangenantliyiyo ngomnye umntu. √ lwezaphula mthetho.√ (1)
- 11.7 Bobokusebenzisa ingqondo yemveli asebenzise amasiko nezithethe zakwaNtu ezingahoywanga zizifundiswa ukuze afumane unyana wakhe. √√ (2)

[13]

**ISICATSHULWA B**

- 11.8 Sikwiyelenqe lokucima uNkosunaye igama. √ (1)
- 11.9 Kukunika ulwazi ngentshukumo yabalinganiswa √/ kukunika imyalelo yeqonga kubadlali.√  
[Nayiphi kwezi] (1)
- 11.10 oluqweqwedisayo√ (1)
- 11.11 Udlale indima yokuba ngumcuphi. √/Unike uNkosunaye icebo lokufota abantu abaze kumenza nokuba yintoni ayikrokrelayo.√/ Umthathe wamsa esibhedlele eqinisekisa ukuba uphilile. √/Uthe akubona ukuba bamfuna efile kunjalo wamfihla √/waze wayokwazisa ikhaya lakhe ukuba ufile ukuze baxakeke kukwazisa amaphephandaba ngeli xa bona basebenza ukubamba abenzi bobubi.√  
[Nasiphi isithathu kwezi.] (3)
- 11.12 Yeyangaphakathi√ kuba akacacelwanga lelona cala makalithathe./uyindindi/ kuba akafuni kuyenza le nto kufuneka ayenze./ uvakala ngokuthi ayicelele kongentla le meko akuyo. √√ (2)
- 11.13 Onentlizo embi/ ongcolileyo/ ontliziyo imdaka/ ozicingela yedwa. √√  
[Nayiphi kwezi] (2)
- 11.14 Alizange liphumelele kuba ityhefu yafunyanwa ngokuthi kwakunikwa inji ukutya yafa ngoko nangoko. √√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C:** 25  
**AMANQAKU EWONKE:** 80

[12]

## IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE: [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemaggabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.	8–10  -Isihloko sitolikwe ngokunzulu. -lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwestihobe.	6–7  -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwestihobe.	4–5  -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. - Impendulo ibonisa ulwazi olusiseko lwestihobe.	2–3  -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. -Impendulo ibonisa ukuqhalela kulwazi lwestihobe.	0–1  -Akanalwazi kwaphela ngesihloko. -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwestihobe.
7 AMANQAKU					
ISAKHIWO NOLWIMI 3 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana. -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokuggwesileyo nangokucacileyo. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becalo.	-Bukho ubungqina besakhiwo. -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nukunamatelana kwezimvo. -Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu.	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. -Ingxoxo ayicwangciswa ngokukuko. -Bukho ubungqina beziphene zolwimi. -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga.	-Isakhiwo sife amanqe. -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.
AMANQAKU	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
<b>UMXHOLO</b>	<b>12–15</b>	<b>9–11</b>	<b>6–8</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>15 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo igqwesile. 14–15</li> <li>-Impendulo ebalaseleyo. 12–13</li> <li>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko</li> <li>-lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.</li> <li>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.</li> <li>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. -Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. - Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko</li> <li>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.</li> <li>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. - Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. - Impendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.</li> <li>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. - impendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. -Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.</li> <li>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.</li> </ul>
<b>ISAKHIWO NOLWIMI</b>	<b>8–10</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>2–3</b>	<b>0–1</b>
<b>10 AMANQAKU</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo siyathungelana.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.</li> <li>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo</li> <li>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.</li> <li>-Intshayelelo nesiphelo kune nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. - Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Bukho ubungqina besakhiwo obungaggibelelanga.</li> <li>-Unamathelelwano nothungelelwano Iwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.</li> <li>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.</li> <li>-Imihlathi ichanekile ikakhulu.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoilo.</li> <li>-Izimvo azithungelelani kakuhle.</li> <li>-Iziphene zolwimi ziyanakala.</li> <li>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.</li> <li>-Imihlathi ineziphene.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>-Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano Iwezimvo.</li> <li>-limposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.</li> <li>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala</li> <li>-Ulwakhiwo Iwemihlathi ludlakadlaka.</li> </ul>
<b>AMANQAKU</b>	<b>20–25</b>	<b>15–19</b>	<b>10–14</b>	<b>5–9</b>	<b>0–4</b>

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwuteshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mniike u-0.